

Amaxesha Okulahlekelwa



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

Marko 5:22–24, 35–43; 1 Pet. 5:6, 7; Gen. 37:17–28; Luka 16:13, Roma 6:16; 1 Kor. 15:26.

Indima Yenkumbulo:

“Ewe, okunene, ndisuka izinto zonke ndizibalele ekuthini ziyinkxwaleko, ngenxa yokongama kokumazi uKristu Yesu iNkosi yam; endithe ngenxa yakhe ndonakalelwa zezi zinto zonke, ndizibalele ekuthini ziyinkunkuma, ukuze ndimzuze uKristu” (Filipi 3:8).

Ngako nje ukuba uAdam noEva batye kwisiqhamo somthi wokwazi okulungileyo nokubi, baya bakuva ukulahlekelwa kwabo kokuqala, ukulahleka kokuba msulwa. Oku kulahleka kokuba msulwa kwama endaweni yako ukuba nomona, imbambano, ukutyholana, nokunqwenela ukulawula nokongama omnye phezu komnye. Kungekudala emva kokuWa, babona ukulahlekelwa kokuqala bubomi xa babenikwa ufele lwesilwanyana ukuba bagqume ubuze babo. Bakuba begxothiwe ukuba bangafiki kumthi wobomi hleze batye baze baphile ngonaphakade, baphinda balahlekelwa likhaya labo elaliyigadi egqibeleleyo, kwaza kwathi kwiminyaka eliqela emva koko balahlekelwa ngunyana wabo, uAbheli, ebulawa ngezandla ngumntakwabo, uKayin. Ekugqibeleni, omnye wabo walahleka ngumlingane wakhe, kwathi kamva iqabane eliphilayo lalahlekelwa bubomi balo. Kuninzi kangako ukulahlekelwa okwabakho kususiphumo sesigqibo esinye. Kunjalo, sonke siyayazi into eyinyaniso, nentlungu, ukulahleka, kwaye abaninzi kuthi bavakalelwa nzulu kakhulu xa oku kulahlekelwa kwethu kusibetha elusatsheni. Akumangalisi, kuba elusatsheni sinawona maqhina asondeleyo; ngoko, ilahleko apho, ngeentlobo zayo ezahlukeneyo, isibetha kakhulu. Kule veki, njengoko siqhubeka nokuqwalasela ubomi bosapho, siza kubuqwalasela kwimeko yamaxesha awahlukeneyo okulahlekelwa.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaJuni 1.*

Ukulahleka Kwempilo

Sinamawaka eminyaka sohlukanayo nomthi wobomi, saye sonke siyayiva loo nto, ngakumbi kwakufikwa kwimpilo yethu yasemzimbeni. Kungakudala, ngaphandle kokuba sibulewe kukuxheleka komphfumlo sisebatsha, siza kufika kwinyaniso ebuhlungu yokulahleka yimpilo. Kanti ke, kunzima kunjalo ukulahleka yimpilo, kuba buhlungu kakhulu kangakanani xa oko kungenzeki nje kuthi uphela, kodwa nakomnye wosapho lwethu? Bangaphi abazali, abathe, ngokukodwa xa baye bajongana nomntwana ogulayo, balangazelela ukuba bebengabathabathela, ibe ngumzali endaweni yomntwana? Ngelishwa, asinikwanga ukuba sikhethe.

Yintoni ezifana ngayo zonke ezi ngxelo? Marko 5:22–24, 35–43; Mat. 15:22–28; Luka 4:38, 39; Yohane 4:46–54.

Kwimeko nganye kwezi, ngaphandle kwentandabuzo, nakwezinye ezininzi, yayililungu losapho elicengela uncedo lukaYesu ukuba lunikwe elinye ilungu. Ngaphandle kokuxoxa, siyabona ukuba sibulaleka kuba sihlala kumhlaba owileyo. Ukungena kwesono emhlabeni, akuzange kungene ukufa kodwa, kodwa neentlungu ezihlala zihleli, ukugula, nesifo. Xa sijongene nesifo esihlala sihleli okanye ukugula okusibeke ecicini lokufa, singothuka, sibe nomsindo, side sizive sisilwa, “Thixo wam, Thixo wam, undilahleleni na? Kutheni ukude kangaka nje? Ingaba akuyi kukuphulaphula ukuncwina kwam uze undihlangule?” (Nd. 22:1, CEV). Njengoko wenzayo uDavide, singaba senza kakuhle ukusa imibuzo yethu, umsindo, nentlungu kuThixo. Ngeendlela ezininzi, ukugula nokuba ubuhlungu kuya kuhlala kuyimfihlakalo kude kube ukufa koyisiwe ekugqibeleni, ekubuyeni kukaYesu. Kwangelo xesha linye, sinako ukubhikica iinyaniso ezibalulekileyo eLizwini likaThixo. Nangona uYobhi wanyamezela intlungu engathethekiyo, wabanolwalamano olunzulu noThixo. Uthi xa echaza, “Bendisiva ngawe kwabanye, kodwa ngoku ndikubone ngawam amehlo” (Yobhi 42:5, CEV). UPawulos wanokugula okwakungathi kuhlala kuhleli, kodwa indlela awakusebenza ngayo isixelelela ukuba ukuva kabuhlungu kunako ukusixhobisa ngentuthuzelo kwabanye, kunokusinika imfesane kwabanye abeva ubuhlungu, kanti kuyakwazi ukusenza ukuba silungiselele kwabanye ngempumelelo. (2 Kor. 1:3–5)—oko kukuthi, ukuba asikuvumeli kusaphule.

Nokuba sithi okanye amalungu osapho aphelele kakubi kukugula, zithini izithembiso esinokuzibanga? Kutheni, ngamaxesha anje, ubunyaniso bokubulaleka kukaYesu, iNkosi yethu, emnqamlezweni le nto kubaluleke kangaka kuthi? Yintoni asifundisa yona emnqamlezweni ngothando lukaThixo olungawi phantsi, naphakathi kokugula kusapho lwethu?

Ukulahleka Kwentembeko

Sonke sinesono, singabantu abangakwazi kwenza nto, abathi ngamanye amaxesha sibonakale singafanelanga kuthenjwa ngabo bebethembele kuthi. Ngubani ongazange walixhoba lokungcatshwa kokuthemba kwethu? Seyinzima injalo ilahleko yentembeko, kusoloko kukubi kakhulu xa singcatsha, okanye nathi singcatshwa, lilungu losapho. Ngamanye amaxesha kunokuba ngathi kulula ukucutha iindleko size sibaleke sakugqiba kwelokuba ulwalamano aluwufanelanga umzamo wokulwakha ngokutsha. Phofu ke, akulula kangako xa lilungu losapho, njengeqabane. Ungade uthi enye yeenjongo zomtshato kukusifundisa isifundo sendlela yokwakha ngokutsha intembeko xa yaphukile.

Xa ukuthemba kulwalamano kuthe konakaliswa, kungenzeka njani ukuba intembeko nolwalamano kuphiliswe kusindiswe? 1 Pet. 5:6, 7; 1 Yohane 4:18; Yakobi 5:16; Mat. 6:14, 15.

Ukwakha ngokutsha intembeko kufana nohambo; kufuneka uthabathe inyathelo ngalinye ngexesha. Uhambo luqala ngokuvuma ngokunyanisekileyo ukuba buhlungu nokuvuma inyaniso, nokuba sibe sinjani isikhubekiso nokuba ingubani okhubekisileyo. Xa ukukrexeza kuye kwangunobangela womsantsa, ukuphilisa kuqala xa lo ungcathshileyo evuma. Njengenxalenye yenkqubo yokuphilisa, ukuvuma kufuneka kuhambe nokuba phandle okupheleleyo kwicala lalowo uye wangcatsha. Akungeke kubekho nto isala ifihlakele, okanye kungenjalo, xa ithe yafunyanwa (kuba iya kufunyanwa), iya kuyichitha intembeko ebisele imiswa ngokutsha. Lona ixesha lesibini intembeko yaphulwe, kuba nzima kakhulu ukuba kuphile kunokuba bekunjalo ukwaphuka kokuqala.

Ukwakha intembeko ngokutsha kuthabatha ixesha nomonde. Okona kukubi ukona, okona ixesha liya kuba lide ukuba kulungiswe. Yamkela into yokuba ngamanye amaxesha kuza kuba ngathi uthabathe amanyathelo amabini ukubheka phambili namanyathelo amathathu ukubuya umva. Ngenye imini kube ngathi likho ithemba lemini elandelayo, kuthi ngemini elandelayo, uzive unga ungabaleka umke. Abaninzi, phofu, bakwazile ukwakha ngokutsha ulwalamano lwabo oluqhawukileyo baza bakha umtshato onobunzulu, onokusondelelana okukhulu, owanelisa ngaphezulu, nonolonwabo olukhulu.

Yeyiphi imithetho-siseko ekuphiliseni umtshato enokusetyenziswa kwimeko yezinye iintlobo zentembeko eyaphukileyo? Kwangelo xesha linye, ingayeyiphi imeko ekuthi kuyo, nangona lukho uxolelo, kungabuye kubekho ntembeko yongeziweyo, okanye akufuneki ibekho?

Ukulahleka Kwentembeko, (kuyaqhubeka)

Enye indlela ethi ilahleke ngayo intembeko kungobugebenga elusatsheni. Bungacingeki bunjalo, uphando luveza ukuba ikhaya liyindawo ekuphela kwayo enobona bugebenga bukhulu emphakathini. Ubugebenga bosapho buchukumisa zonke iintlobo zeentsapho, kuquka amakhaya amaKristu. Ubugebenga luhlaselo lwalo naluphi uhlobo—ngamazwi, ngemizimba, ngeemvakalelo, ngesondo, okanye ngokutyeshela okuphandle okanye okungacacanga—okwenziwa ngomnye okanye ngabanye komnye okanye kwabanye elusatsheni.

IBhayibhile iquka ubugebenga bosapho, naphakathi kwabantu bakaThixo. Zithini iingcinga neemvakalelo zakho xa ufunda ezi ndima? Ucinga ukuba kutheni ukuze la mabali agcinwe esiBhalweni?

Gen. 37:17–28

2 Sam. 13:1–22

2 Kumkani 16:3, 17:17, 21:6

Ukuziphatha okunobundlongo-ndlongo kukukhetha okwenziwa ngengqondo ngumntu osebenzisa igunya nolawulo phezu kwabanye. Akukwazi ukuchazwa okanye ukuthethelelwa ngokunxila, uxinzelelo, intswelo yokwanelisa umnqweno wesondo, isidingo sokulawula ngcono umsindo, okanye nakuphi ukuziphatha kwexhoba. Amaxhoba awanabutyala bokwenza lowo unobugebenga ukuba abe nobugebenga. Abanobugebenga bajika okanye bagqwetha uthando, kuba “uthando alusebenzi bubi” (Roma 13:10). Ukunyangwa ngokuqeqeshekileyo kunako ukukuguqula ukuziphatha konobugebenga, kodwa kuphela xa umntu lowo eluthabatha uxanduva lokuziphatha aze alufune uncedo olunjalo. Kwabo bathi bazenze bafikeleleke kubukho baKhe, uThixo ukwenza okungaphezu kweento zonke ngokugqithiseleyo kakhulu ukunceda abanobugebenga ukuba bakuyeke ukuphatha gadalala, baguquke kwingqondo yabo nokuziphatha kwabo, benze imbuyekezo ngazo zonke iindlela abanako ukwenza ngazo, nokuba bathabathele kubo iimpawu zothando uagape ukuba baphilise ezabo iintliziyu nokuba babathande abanye (thelekisa uEfese 3:20).

Zama ukuzibeka endaweni yomntu olinyazwe emoyeni bubugebenga. Athini amazwi okwamkela, entuthuzelo, nethemba obungathanda ukuwava? Kubaluleke ngokuba kutheni ukunika inkuseleko nenkathalo endaweni yokunika ingcebiso ngendlela yokuphila ngcono nomntu onobugebenga?

Ukulahleka Kwenkululeko

NguThixo yedwa ozaziyo ukuba zingaphi izigidi, nebhiliyon, zabantu abazamana nohlobo oluthile lokugula kukunxila. Kude kube namhla, iinzulu lwazi azikaqondi kakuhle ukuba yintoni unobangela wako, nangona phofu kwezinye iimeko beyibona indawo yengqondo yethu apho ukubawa nokunqwena kuhleli khona. Ngelishwa, ukufumana indawo yoko kugula akunto inye, phofu, nokusikhulula kuko. Ukugula kukunqanqathekela into kunzima kumntu wonke, kungakuphela kulowo unesigulo eso. Amalungu osapho— abazali, amaqabane, abantwana—bonke bagula kakhulu xa elinye ilungu losapho liphantsi kwembophelelo yamandla ekubonakala ngokungathi abakwazi ukulikhulula kuwo. Iziyobisi, utywala, icuba, ukungcakaza, ukufunda iincwadi zamanyala, isondo, nokutya ngokwako—into eyenza ukuba ezi zinto zibe kukugula zizo yindlela ezingisileyo nebhaka phambili yokuzisebenzisa okanye yokuzisebenzisa gwenxa. Akukwazi ukuyeka nokuba uyazi ukuba iyakwenzakalisa. Nangona uyonwabela inkululeko yokuzikhetela, uba likhoboka nakwintoni ogula kukuyifuna, kuthi ngenxa yoko ulahlekane nenkululeko yakho. UPetros unengcaciso elula ngokugula kukunxila kunye neziphumo zako: “Bathembisa inkululeko kubo bonke. Kodwa bona bangamakhobo kwinto engcolileyo, kuba abantu bangamakhoboka kuyo yonke into ebalawulayo” (2 Pet. 2:19, CEV).

Zinto zini ezinokukhokelela kukugula kukunxiliswa zizinto? Luka 16:13, Roma 6:16, Yakobi 1:13–15, 1 Yohane 2:16.

Isono nokugula kukunxila, akudingi ukuba kube yinto efanayo. Ungasenza isono unganxili siso, nangona amaxesha amaninzi sinokuphetha sikukugula kukunxila siso. Kungcono kakhulu ukusiyeka, ngamandla kaThixo, isono ngaphambi kokuba sijike sibe kukugula kukunxila siso? Kaloku, isisombululo ekuphela kwaso, nesihlala phakade, kwingxaki yesono nokunxila siso, kukwamkela intliziyo entsha. “Kuba singabakaKristu Yesu, sizibulele iimvakalelo zethu yokuzithandela neminqweno yethu” (Gal. 5:24, CEV). UPawulos ukwachaza kumaRoma ukuba kukuthini ukufa kuloo ndalo ezaliswe sisono, neyenza ukunxiliswa siso ukuze siphilele uKristu (Roma 6:8–13), aze aphinde ongeze, athi, “Yivumeleni iNkosi uYesu Kristu ukuba isondele kuni ngokweengubo enambethe zona. Ngoko anisayi kuzama ukwanelisa iminqweno yokufuna okukokweni” (Roma 13:14, CEV).

Ingaba ngubani ongazaniyo nokulwa nokugula kukunxiliswa, nokuba kukwisiq sakhohlo, okanye okwabanye, mhlawumbi namalungu osapho? Ungabanceda njani abantu ukuba asikokuvuma ukusilela kukamoya xa, nokuba bangamaKristu, basenokudinga uncedo lwabaqeqeshiweyo?

Ukulahleka Kobomi

Singabantu siyakwazi ukuqiniseka kokufa. Sifunda ngako, siyakubona, mhlawumbi sesike sasondelana nako nokujongana nako nathi.

Funda: 1 Korinte 15:26. Kuchazwe njani ukufa, kutheni kuchazwe ngolu hlobo?

Ngubani othi ngokulahlekelwa sisihlobo, ongaziboneli ngokwakhe indlela okulutshaba ngayo ukufa? Kwelinye icala, “kulungile” kwabafileyo. Ukuba bathe beseNkosini, bawavala amehlo abo koko kubonakala kukokomzuzwana, baya kuvuselwa ekungabuyeni babe nokufa. “Kulowo ukholwayo, ukufa kuyinto nje encinane. . . . Kumntu ongumKristu, ukufa kukulala kuphela, umzuzu wokuthula nobumnyama. Ubomi bufihlwe noKristu kuThixo, kwaye “xa athe wabonakaliswa uKristu, obubomi bethu, ngelo xesha niya kubonakaliswa nani, ninaye ebuqaqawulini.”—Ellen G. White, *Owayelangazelelwa Emaphakadeni*, iph. 787. Ngabo baphilayo, ngakumbi abahlobo ikanye amalungu osapho, abayaziyo eyona ntlungu nosizi ezilandela ukufa. Eyona nto yeyokuba loo ntlungu ikukusabela kwendalo, nokuqhelekileyo kokulahlekelwa. Kukuva kabuhlungu kwemvakalelo xa into okanye umntu esimthandayo esusiwe kuthi.

Indlela yokukhala ayifani kumntu wonke, kodwa jikelele abantu baphumela kwimigangatho eliqela. Kuqala nokona kuqhelekileyo kukothuka nokungakholwa, naxa ukufa kube kulindelekile. Ukothuka lukhuselo lwemvakalelo ngokuthintela ukoyiswa yilahleko, kwaye kusenokuthabatha iinyanga ezimbini ukuya kwezintathu. Usenokuba nexesha ezithi iingcinga zakho zihlale zigxile kulowo ubumthanda, nemisebenzi yakho yemihla ngemihla. Neencoko zakho ziba ngalowo ulahlekileyo ebethandwa. Eli xesha linako ukufika kwiinyanga ezintandathu ukuya kumnyaka. Lo mgangatho wokudana noxinzelelo lixesha elide lokukhala, kunokwenzeka ukuba lelona xesha lide nelibuhlungu kulowo ukhalayo, nekuthi ngalo kuye kuqheleka ukujongana noku kuqiniseka kokulahlekelwa. Kulo mgangatho, unokuba neemvakalelo ezingaqhelekanga, ezinjengomsindo, ukuziva unetyala, ukuzisola, usizi, noxinzelelo. Umgomo wokukhala asikuko ukususa yonke intlungu okanye iingcinga ngokulahlekelwa kwakho. Umgangatho wokugqibela wokuphila, uye uqala ukukhathalela imisebenzi nokusebenza kwakho kwemihla ngemihla.

**Zeziphi iingcamango ezithuthuzelayo ozifumanayo kwezi ndawo zilandelayo?
Roma 8:31–39, IsiTy. 21:4, 1 Kor. 15:52–57.**

Ingcamango Eyongeziweyo:

Abaninzi bave ubunzima ngenxa yezigulo zokuziyekela kokungalungileyo. Baye bangamakhoboka kwiminqweno yabo baza balahlekwa yimali yabo, imisebenzi, impilo, nenkululeko yabo. Yena uYesu weza ukuze asinike inkululeko esonweni nakuko konke ukungalungisi, kunjalo nje “ ‘ukuba uNyana uthe wanikhulula, noba nikhululekile inene’ ” (Yohane 8:36). UYesu ukwasithembisile ukuba uya kuhlala enathi (Mat. 28:20, Isa. 43:2); ngoko ke, asidingi ukuba sililwe sisedwa eli dabi. Enye into, kufuneka sikhumbule ukuba idabi eli leluka Yehova (1 Sam. 17:47), kwaye usithembise uloyiso (1 Pet. 1:3–9). Namhlanje ungaqalisa ukuhamba indlela yoloyiso kuko konke ukugula kukuyotywa wamkele inkululeko oyinqwenelayo noko uThixo akufunela wena. Oku akuthethi ukuba akusayi kutsala nzima, ngamanye amaxesha ude uwe. Zona iindaba ezimnandi zezokuba, lonke ixesha ungayincami iNkosi, nayo ayisayi kukuncama. Kunjalo, akukho nto iyimposiso ekuzameni ukulufuna nalo uncedo lwabaqeqeshiweyo. Kunjengokuba iNkosi inokusebenzisa unyango lwabaqeqeshiweyo ukunceda iingxaki zempilo, inako ukusebenzisa umcebisi oqeqeshiweyo ukunceda ukugula kukuyotywa. “Xa iinzima nezilingo zisirhangqa, kufuneka sibalekele kuThixo, ngesibindi silindele uncedo kuYe, Yena uligorha lokusindisa nonamandla okuhlangula. Kufuneka siyicele intsikelelo kaThixo, ukuze siyifumane. Umthandazo ungumsebenzi onyanzelekileyo nofunekayo; kodwa sinjani ukuwutyeshela? Asimele na ukuba asithi rhoqo sisenza umbulelo kuMniki wazo zonke iintsikelelo? Sidinga ukukhulisa ukuba nombulelo. Kufuneka sikhulise ukucamngca nokubala iinceba zikaThixo, silidumise silizukise igama laKhe elingcwele, naxa sidlula kwintlungu nembandezelo.”—Ellen G. White, *Selected Messages*, book 2, p. 268.

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. Kudlala indawo ethini ukuxolela sekulahleke ukuthemba nasekuphiliseni kolwalamano oluqhawukileyo? Mat. 6:12–15; 18:21, 22. “Uthando . . . alugcini ngxelo yeemposiso ezenziwa ngabanye” (1 Kor. 13:5, CEV).
2. Yintoni entle ezuzeka ekucamngceni nasekubaleni iimfesane zikaThixo nangona sithubeleza phakathi kwentlungu nembandezelo?
3. Zeziphi iindlela eziphathekayo olunokuthi ngazo, usapho olulibandla lakho, lulonke, lunceda abo bazamazamana nalo naluphi uhlobo lwelahleko?